# Aba ngabahlobo

UTebogo wayekuthanda kakhulu ukudlala nabahlobo bakhe, uSiza noShado. Babekuthanda ukuzula-zula  bedlala imidlalwana ebonwabisayo, kungenjalo bayekuthenga kwivenkilana ekufutshane xa benemali. Inja kaTebogo egama linguLana yayisoloko ihamba nabo.

“Tebogo, uLana uyazikrwempa kakhulu, mhlawumbi uneentakumba.” Watsho uSiza ngenye imini. Uboya bukaLana babuse buqalisa ukuwa. Lento yokuwa koboya yaqala kancinane kwindawo ezithile  kodwa ngoku yayise isanda kakhulu. Umama kaTebogo wayithengela umgubo weentakumba evenkileni.

Tebogo Siza Shado



“Kufuneka uyigalele lo mgutyana apha emzimbeni uhlambe nezinto zayo zokulala.” Watsho umthengisi. UTebogo nonina benza njengoko babeyalelwe kodwa uLana waqhubekeka nokuzonwaya. Lwasuka lwanda urhawuzelelo nokuwa koboya bukaLana. Nabantu babesithi xa bemjongile basuke baphele yintsini. Babesenza intlekisa ngenja kaTebogo. Bambi babesuke bakhwaze besithi, “Tebogo, inja yakho ihamba ze.”

Uboya bukaLana babuse buwe kakhulu engenawo nomdla wokudlala. Yayimkhathaza kakhulu indaba kaLana uTebogo. Into eyamxhalabisa kakhulu kukucinga ukuba ubusika buyeza. Inja yakhe yayiza kugodola kuba uboya bayo babuwile.





Udade boTebogo omdala uSindi wayefunda ekholejini. Ngolwesihlanu othile wafika ekhaya evela ekhampasini. Wayephethe ipasile esongelwe ngephepha elimdaka. “Esi sisipho sikaLana,” watsho uSindi. “Ndimthungele ngokwam.” UTebogo wayivula ipasile leyo. Ngaphakathi kwakukho ijezi enemigca. “Hayi bo, bendingazi ukuba izinja nazo ziyazinxiba iimpahla.” watsho uTebogo. Wamnxibisa kwangoko uLana. Baphela yintsini uSiza noShado baku-bona uLana enxibe ijezi yakhe. Yamcaphukisa lento uTebogo wahamba wabashiya apho.

“Ingaba yintoni le ingaqhelekanga?” wazibuza uTebogo ebukhathazeka. “Mhlawumbi abangabo abahlobo benene.”




ULana waziphala kanobom ngobobusuku enxibe ijezi yakhe. Bathi bevuka kusasa yabe idlaka-dlaka.

UTebogo wasusa loo wulu yayibambeke ezinzitsheni zikaLana. Akukho nto yayibonakala iluncedo kuLana olusizi. Umama wacinga icebo.

“Mthathe uLana  umse kwikliniki yezilwanyana mhlawumbi bangamnceda”, watsho umama.

Ikliniki yezilwanyana yayivulwa ngoLwesithathu kuphela. UTebogo wamfaka intambo wayokulinda naye uLana emgceni.

Babekho nabanye abantu ababezise ezabo izilwanyana.




## Kugqirha wezilwanyana

“Yhu! inokhwekhwe lenja kwaye ineentakumba namakhalane.” Watsho ugqirha wezinja akubona uLana.

Wamthi hlasi, wambeka phezu kwetafile uLana.
Wasusa intwana kufele lukaLana waza wamhlaba inaliti.
Wakhwina nje uLana kodwa akazama ukumluma ugqirha
“Uyinja elungileyo Lana. Le naliti izakusinyanga isikhumba sakho.” Watsho ugqirha.

Wamfaka kwisitya sokuhlambela esizele ngamanzi namayeza akhethekileyo. ULana wayengakuthandi ukufakwa kwisitya sokuhlambela, kodwa ugqirha wamnyamekela. Wahlamba wonke umzimba wakhe




“Kuzakufuneka uphinde umbuyise uLana azokufumana inaliti rhoqo ngeveki bude bukhule uboya bakhe.”

Wamyalela watsho ugqirha uTebogo.

“Uze uncede uyihlambe nayo ingubo yakhe rhoqo ngeveki.” Watsho ugqirha.

Ugqirha wabonisa uTebogo into eyamenza wanomdla kakhulu. Wambonisa isixhobo ekuthiwa yiMayikroskopu. Ugqirha wayebeke olwaa suntswana lofele ebelisusa esikhumbeni sikaLana kwimayikroskopu.

Wamxelela ukuba ajonge kumngxunyana weliso.

“Yhoo! ndibona  izinambuzane ezinkulu ezinyakazelayo.” Wakhwaza watsho uTebogo.



“Ezo zinambuzane zincinane kakhulu awunakuzibona ngeliso lenyama, kodwa ngaphantsi kwe mayikroskopu ziba nkulu kakhulu,” watsho ugqirha. “Bezi soloko zisitya isikhumba sika Lana zaza zamenza wanokhwekhwe.

“Yiyo lento ebesoloko eziphala kangaka nje.”

## ULana ufumana uboya bakhe kwakhona

Ekuhambeni kwexesha bazama kwakhona ukuphuma uboya buka Lana. Umama kaTebogo wayemana emchintsela icephe le-oli yokupheka ekutyeni kwakhe ukuze uboya bakhe buhlale buthambile. Phakathi kobusika uboya bukaLana babuse bukhulile bubuhle bumfuma-mfuma.

Bathi xa bebuyela kwakhona ekliniki ugqirha wathi kuTebogo, “ULana uphilile kucacile ukuba ubumkhathalele kakhulu.”

Wayonwabe kakhulu uLana edlala njengakuqala. Wayengarhawuzelelwa ngoku. Waphinda wakonwabela ukudlala noTebogo, uSiza kunye noShado. Utebogo wathi uzakufunda ngokuzimisela ukuze xa emdala abe ngugqirha wezilwanyana, akwazi ukunyanga izilwanyana ezigulayo.

Ngexesha lasentwasahlobo kwenzeka izinto ezinika umdla. Kwabakho ukhuphiswano lwezinja kwesinye sezikolo zamabanga aphezulu. UTebogo wambrasha uLana wabengezela. Kwakukho amashumi amabini ezinja kolo khuphiswano. Ezinye izinja zazikwazi ukwenza imidlalwana eyonwabisayo. Ezinye zazinkulu ezinye zincinane.

UTebogo naye wamjikelezisa uLana phakathi kwezojaji emfake intambo, nabanye abantwana benza ngolohlobo. Iijaji zazijonga zimana ukubhala phantsi encwadini. Ekugqibeleni kwakhutshwa amabhaso.

“Ibhaso lenja enoboya obuhle liya kuLana” yamemeza yatsho ijaji. Wonke umntu waqhwaba izandla. Abanye bakhwaza, abanye babetha amakhwelo.

UTebogo wahamba ngokuzingca okukhulu ukuya kubachongi eyokuthabatha iribhoni nengxowa enkulu yokutya kwezinja ezazilibhaso.

ULana wawujiwuzisa umsila wakhe eziqonda ukuba umhle. Enye into eyanika umdla lunikezelo mabhaso esikolweni.




UTebogo wayegqwesile kwiziBalo nakwezeNzululwazi. Wayesazi ukuba, ukuba angazimisela ngakumbi angawafezekisa amaphupho akhe okuba ngugqirha wezilwanyana.

“Ubomi bumnandi bona,” watsho uTebogo emphulula umhlobo wakhe.

ULana wayechophile encumile kuba wayeyazi loo nto.

